UMGAQO-NKQUBO OSISISEKO WE-WIETA

1. UMNTU UYIKHETHA NGOKUKHULULEKILEYO INGQESHO

1.1 Akukho msebenzi wesinyanzelo nosisibophelelo omawenziwe ngamabanjwa.

1.2 Akukho mthetho ogunyazisa abasebenzi ukuba bakhuphe ``iimali zedipozithi'' okanye banikezele ngamaphepha abo okuzazisa kumqeshi wabo yaye bakhululekile ukuba bamshiye umqeshi wabo emva kokufaka isaziso soko ngethuba.

2. INKULULEKO YOKUZIBANDAKANYA NEQELA IYAHLONITSHWA KWAKUNYE NELUNGELO LABASEBENZI ABASEBENZA ENDAWENI ENYE LOKUBA BAXOXE NGEEMEKO ZENGQESHO NABAQESHI.

2.1 Abasebenzi, ngaphandle komkhethe, banelungelo lokuzibandakanya neemanyano zabasebenzi okanye baseke abazifunayo, nelungelo labasebenzi abasebenza kwindawo yengqesho enye lokuxoxa ngeemeko zengqesho nabaqeshi.

2.2 Umqeshi makazijonge ngeliso elingenagxeke iintshukumo zeemanyano zabasebenzi neentshukumo zazo zokuzigayela amalungu.

2.3 Abameli babasebenzi abacalulwa yaye bayakwazi ukuqhuba imisebenzi yabo yobumeli emsebenzini.

2.4 Apho ilungelo labasebenzi lokuzibandakanya neqela nelokuxoxa nabaqeshi ngeemeko zengqesho kushishino abasebenza kulo lithi lincitshiswe ngumthetho, umqeshi kufuneka adale isimo, hayi ukuba asithintele, apho ukuzibandakanya kwabasebenzi neqela nokuxoxa nabaqeshi ngeemeko zeengqesho kushishino abasebenza kulo kungenziwa ngokukhululekileyo nangokuzimeleyo.

3. IIMEKO EKUSETYENZWA PHANTSI KWAZO ZIKHUSELEKILE YAYE ZICOCEKILE

3.1 Kuya kubonelelwa ngeemeko zomsebenzi ezikhuselekileyo nezicocekileyo, kuqatshelwa ulwazi olukhoyo neengozi ezithile kolu shishino. Kuya kuthatyathwa amanyathelo awoneleyo ukukhusela iingozi nomenzakalo empilweni yabasebenzi odalwa okanye owayanyaniswa nomsebenzi owenziwayo, okanye owenzeka ngexesha kusetyenzwa, ngokuthi kuncitshiswe kangangoko kunokwenzeka, oonobangela beengozi abayinxalenye yendawo ekusetyenzelwa kuyo.